Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
AGASTI 2024
Bulletin
#overstrand4all
Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni
#C4ourself

P.O. Box 20 Hermanus 7200

Hermanus	028 313 8000
Gansbaai-Stanford	028 384 8300
Kleinmond	028 271 8400

24/7 Municipal Emergencies:

Basic Services	028 313 8111
Fire & Rescue	028 312 2400

UMBONISO WECHELSEA FLOWER UZA E-STANFORD!

21 kuSeptemba de kube ngumhla wesi-6 ku-Oktobha 2024

Akukuphela kokuphumelela koMzantsi Afrika ufumane imedali yegolide kuMboniso we-RHS Chelsea Flower eLondon ekuqaleni kwalo nyaka, kodwa ngokunjalo ufumene amabhaso odumo ngokuba "noMboniso eQgqwesileyi kuMnquna omkhulu womboniso kunye nebhaso "loYilo oluTsha oluGqwesileyo".

Umyili oyintloko uLeon Kluge kunye negcisa uTristan Woudberg bakhokhela iqela lamavolotiya ukuyila uqokelelo olubanzi lweentlobo ezisuka kwifynbos yomphakamo ophezulu ukuya kuhlobo lweebhalbhu zeStrandveld ezilungiselelwe kuthelekiswa nemifanekiso eqingqiweyo emikhulu yomdongwe.

Ukubuyela ngempumelelo koMzantsi Afrika kulo mboniso kwenziwa kwabanakho sibulela iGrootbos Private Nature Reserve kunye nabanikeli abaninzi becandelo langasese abathe banikela ngnkxaso yemali.

Iindaba ezivuyisayozezokuba uLeon kunye neqela lakhe baya kuphindaphinda indlela yabo yokuphumelela e-Overstrand besenzela abemi boMzantsi Afrika, okokuba bonwabele umboniso obalaseleyo wezinye iintlobo ezingaxhaphakanga xa kuthelekiswa nokufakelwa kokukhukhulwe ngumoya kwiiNtaba zaseKapa.

Umfanekiso ofana ncam, obukhulu bupheleleyo, uyilo olugqwesayo luya kuyilwa kwakhona kwidolophana yelifa lemveli laseStanford.

"Sibulela inzondelelo yeGroot Foundation nokuzibophelela kwexesha elide kwintshatsheli ifynbos, uMboniso olunge kakhulu kwihlabathi odumileyo weRHS **Chelsea Flower uza eStanford**," ubhengeze watsho umxhasi walo mboniso walapha ekhaya obizwa ngegama eliyi- Chelsea Flowers in Stanford, uSodolophu wase-Overstrand uGq. Annelie Rabie. "Eli lithuba elenzeka libe kanye ebomini ingelilo nje kuphela kubahlali base-Overstrand kodwa nakubatyeleli ngokunjalo abasuka kude nakufutshane, yaye ndiqinisekile ngento yokuba umboniso uya kuba yimpumelelo engundaba mlonyeni."

I-Chelsea Flowers eStanford iya kuvulelwa uluntu ukususela ngowama-21 kuSeptemba de kube ngowesi-6 ku-Okthobha 2024.

I-Grootbos Florilegium, uqokelelo lwangasese lwemisebenzi yobugcisa yezityalo zefynbos, iya kuboniswa ngokunjalo kunye neencwadi nokushicilelweyo okunikezelweyo okokuba kuthengiswe.

Ukulungiselela imibuzo okanye ingcaciso engaphezulu, qhagamshelana usebenzise le dilesi info@grootbosfoundation.org okanye utsalele umnxeba kule nombolo 028 384 8038. Amatikiti ayafumaneka kwiWebtickets.

COFA I-APP KAMASIPALA

INKONZO YOKUZINCEDA NGOKWAKHO KWII-OFISI ZIKAMASIPALA INGENA KWINQANABA LOHLOLO

Njengenxalenye yokuzibophelela okuqhubekayo ukwandisa okuthe gqolo kokunikezelwa kwenkonzo yaye nenzame yokuthotywa keendleko zokusebenza, uMasipala wase-Overstrand ukwinkqubo ngokwakaloku nje yokumisela indlela yenkonzo yokuzinceda kwii-ofisi zakhe ezahlukeneyo. Ngokwenene, injongo apha kukunika abaxhamli abazingenelayo uncedo olufanayo kolo sele lunikezelwe abasebenzisi beCollab Citizen App: Akukho kutsala mnxeba, akukho migca yokulinda akukho msebenzi ongeyomfuneko obhalwayo emaphepheni.

I-Collab Citizen app inikezela ngoncedo oluninzi kunye nezixhobo zokuziqonda zabasebenzisi:

Uphawu "IiAkhawunti" intsha kuluhlu ukufumana ufikelelo kwezi ndlela zilandelayo:

- Umncono okwi-akhawunti
- I-Akhawunti esemva
- Imibuzo ye-akhawunti
- Ukutshintshwa komyalelo wedebhithi
- Thumela i-imeyile okanye iSMS
- Ufundo lwemitha yombane
- Ufundo lwemitha yamanzi
- Isicelo sesaphulelo - ukuvuza kwamanzi
- Isicelo sokubuyiselwa imali
- Ukucinywa: koMbane
- Ukuvalwa: kwaManzi

Cofa kuphawu "Ukutshintshwa kwengcaciso yoqhagamshelwano ukufumana ufikelelo kwezi ndlela zilandelayo:

- Ukutshintshwa kwenombolo yoqhagamshelwano
- Ukutshintshwa kwedilesi ye-imeyile
- Ukutshintshwa kwedilesi yeposi
- Ukutshintshwa kwedilesi yesitalato

Ngena ze ulandele izicele zenkonzo kungakhange kubekho isidingo sokulandelisa ngokutsalela umnxeba:

- Ngena nje lula, cofa uphawu olufanelekileyo, landela amanyathelo ambalwa alula ze ungenise.
- Siya kukunikezela ngenombolo yesikhombisi ze sikugcine usazi ngenkqubela phambili yesicelo sakho, ngaphandle kokuba wenze uhlaziyo lwexesha elililo okokuba lusebenze ngoncediswa yndlela ye-app "Ukwaziswa" kwimfono-mfono yakho.
- Konke ekufuneka ukwenzile kukuqhubeka uye kwcandelo "leZicelo zeNkonzo" ze ukhethe "ULuhlu lwam" ukubona uluhlu lwazo zonke izicelo zakho. Cofa ngokulula kwisicelo ukubona ukuba kuxa sindawoni na kunye nenombolo yakho yokukhangela.
- Ukubona impendulo yethu kwisicelo sakho, cofa "izimvo". Unakho ukwangezelela ezkho izimvo nangaliphi na ixesha ngokucofa "Yangezelela iZimvo" ekupheleni kweskrini. Siya kwaziswa ngoko nangoko okokuba wangezelele uluvo yaye siya kuphendula ngoko nangoko.

I-app inokusetyenziswa naphi na ehlabathini. Ngoko, ukuba ngaba unekhaya elileleholide e-Overstrand, unakho ukubhukisha inkonzoyetanki, umzekelo, kwiintsuku ezimbini ukuya kwezintathu phambi kokuba ufike ungakhange utsalele umnxeba nokuba kube kanye. Khangela uphawu olululhlaza lweColla Citizen kwiGoogle Play Store, Apple App Store okanye iHuawei App Gallery ze uyivule namhlanje!

ISIPHANGO SIPHAZAMISE UFUNDO LWEMITHA YAMANZI

Nangona uMasipala wase-Overstrand ejolise kufundo lweemitha zamanzi ngokomndilili weentsuku ezingama-30, lo mjikelo waphazanyiswa ziziphango ngoJulayi.

Ngenxa yoko, iimitha zamanzi kamasipala nezombane kweminye imimandla zafundwa emva kwexesha lesiqhelo.

Ngeso sizathu, ukusetyenziswa kwamanzi (njengoko kubonisiwe kwii-akhawunti zikamasipala zemimandla echaphazelekayo zikaJulayi) kuzigqithile iintsuku ezingama-30 "zesiqhelo".

Qaphela into yokuba kwiimeko zexesha elide, abahlali abohlwaywa njengokubhekiselele kumiliselo lwerhafu okungalinganiyo. Isixa-mali esipheleleyo sibalwa sithelekiswa kwinani elilungileyo leentsuku elilungileyo yaye sirhafiswa kwisithuba esilandelayo.

Ngako oko, isithuba nesixa-mali (njengoko sibonisiwe kwi-akhawunti kaJulayi) singangaphezulu kweentsuku ezingama-30, okunokuba nomphumela kwiirhafu eziphezulu kwi-akhawunti ka-Agasti.

Apho kungenakho ukwenziwa kofundo lukamasipala losetyenziso kulungiselelwa uJulayi, umndilili kwisithuba seenyanga ezintathu ezidlulileyo wasetyenziswa njengoqikelelo.

Apha ngumzekelo wendlela iirhafu zokusetyenziswa kwamanzi kwisithuba esiyokutsho kwiintsuku ezingama-40 ekunganakho ukubalwa:

- **12 kℓ ngaphezulu kweentsuku ezingama-30 = R152.72**
- **14 kℓ ngaphezulu kweentsuku ezingama-35 = R178.18**
- **16 kℓ ngaphezulu kweentsuku ezingama-40 = R203.63**

Njengoko umasipala esebenzise umndilili wosetyenziso kwezinye iimeko, umndilili kwezo meko zinjalousenokuba ngaphantsi kunofundo olululo oluthatyathwe kwisithuba esisemva kwexesha ngokuthambekele kwinto yokuba izehlo ezibi zesimo-sezulu zenzeka kuphala ngoJulayi.

INGXELO YEKOMITI YEWODI

Apha, isishwankathelo esifutshane semicimbi ebalulekileyo exoxiweyo kunye nemiba ephakanyisiweyo kwiintlanganiso zoluntu zekomiti yewodi kwisithuba sikaJulayi. Apho imiba ingabanga nakho ukulungiswa kwangoko, ooceba bewodi baya kunikezela ngeempendulo kubaahlali kwakamsinyane.



HERMANUS (IWODI 3, 4, 5, 6, 7, 8, 12 KUNYE NELE-13)

IWODI 3	IZIKHALAZO/IMIBA EPHAKANYISIWEYO	IZINDULULO	INDLELA EYA PHAMBILI
I-Hermanus, Voëlklip kunye nesahlulo seWestcliff (iipropati ezisempuma yeDe Goede Street, okt. IYunithi yeOncology)	• **INdawo encinane yokothulwa kwabakhweli kwi-7th Street:** Abahlali abaninzi baphakamise izikhalazo eziphathelelene nesibonelelo sale mpela-veki	● Ukuhlaziywa kwendawo yokothulwa kwabakhweli ekwi-Prawn Flats nokufuduswa kwendawo yokothulwa kwabakhweli ese-OK yasiwa kwiPrawn Flats	■ Ukuphandwa kokuba ingaba kunokwenziwa na ukufuduswa okucetywayo ukuya kwiPrawn Flats ■ Ukumenywa kweengcebiso zeendawo ezizezinye
	• **UMthetho kaMasipala weZinja neeKati:** Ngokubanzi, uluntu alonwabanga kakhulu kuba azikho izimvo zalo eziqulathiweyo yaye lwaqwalasela ukuba phantsi komgangatho wamaxwebhu (umz., iziphene ezininzi zegrama nopelo)	● Kufuneka kuqhutywe omnye umjikelo wokuthatyathwa wenxaxheba luluntu	■ Ukungeniswa koMthetho kaMasipala weZinja kunye neeKati kuhlaziyo lolwimi
	• **Ipaki ecetywayo yezinja ese-Impala Street, kufutshane nePaki yokudlala iNorthcliff**	● Ukuqhuba omnye umjikelo lokuthatha inxaxheba koluntu	■ Kuyilwe uthango ■ Kucwangciswe ulungiselelo lwangaphakathi ■ Kumenywe iingcebiso zeendawo ezizezinye
IWODI 4	**IINKXALABO EZIPHAKANYISIWEYO**	**IZINDULULO / IINGCEBISO**	**AMANQAKU**
I-Mount Pleasant, Hemel-en-Aarde Valley kunye nesahlulo seWestcliff (iipropati ezisempuma yeDe Goede Street, iokt., i-Huis Lettie Theron)	• **Ikhona elingaphezulu kwemfuneko kunye nesithuba esinganele kuMangcwaba aseMount Pleasant**	● Ukuqwalaselwa kwakhona kweMemorandam yeNgqiqo (MoU) ekwavunyelwana ngayo ngowama-2018 ngokuphathelele kumhlaba ochongelwe izindlu zoluntu	■ Ukulandelwa koqhankqalazo lowama-2018, uluntu luvumelene neMOU echaza okokuba yonke imihlatyana eseMount Pleasant iya kusetyenziselwa ulwakhiwo lwezindlu.
	• **Ikhono likaMsaipala lokumelana okanye ukulungiswa ngokwaneleyo umonakalo kwiipropati nakwizibonelelo obangelwe zizehlo zesimo sezulu**	● Njengoko inkxaso-mali isabelwa iimfuno ezithile ngokuhambelana nesiCwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso ekuvunyelwene ngaso, amalungu oluntu ayakhuthazwa kwakhona okokuba azimase iintlanganiso zoluntu ukulungiselela ukuba ubonelelo lube nokwenziwa ukulungisa iimfuno ezingxamisekileyo	
	• **Imirhumo yombane kunye nenani leeyunithi ngexabiso leRandi enye**		■ Isakhelo esikhoyo somrhumo weNERSA wachazwa kwakhona kwabazimasileyo ngokunjalo nomphumela wokunyuswa komrhumo oya kuqaliswa ukususela ngomhla woku-1 kuJulayi 2024.
IWODI 5			
Zwelihle	*Qaphela into yokuba le ntlanganiso yarhoxiselwa iveki elandelayo*		

IWODI 6	IMIBA EPHAKANYISIWEYO / IINKXALABO EZIXOXIWEYO	IINGCEBISO
Zwelihle	**Inkqubela phambili ephathelele nemvumelwano yenda-wo efanelekileyo yesikhululo samapolisa esijikelezayo**	● UMphathi weSikhululo esitsha seSAPS kufuneka aziswe kuwo onke amawodi aseZwelihle kwintlanganiso yoluntu
	Ukunyuka kwimilinganiselo yolwaphulo-mthetho	
	Ukuba kunokwenzeka ubuyekezwe ngomonakalo obangelwe kukonakaliswa ngabom (i-inshorensi)	
	Inkqubela phambili eyenziweyo ngokuphathelele kwindawo efanelekileyo nokwakhiwa kwethala leencwadi eZwelihle	

IWODI 7	IINKXALABO EZIXOXIWEYO/ IMIBA EPHAKANYISIWEYO / INKCASO ENGENISIWEYO	IZIMVO/IINGCEBISO
Sandbaai	**Ukuhlaziywa kweendledlana zabahamba ngeenyawo ecaleni komgaqo ezilandelayo kufuneka zibekwe phambili:** ■ I-Main Road (ukususela kwiJimmy Smith ukuya kwiBeach Road) ■ Beach Road (ukususela kwiMain Road ukuya kwisikhululo sokumpompa) ■ i-End Street	
	Inkcaso yaphakanyiswa ngokuphathelele kwizisombululo ezicetywayo zokukhusela isango lokungena/lokuphuma kwi-Agrimark/kwiGaraji yakwa-Engen (okt., ukwakhiwa kweqonga eliphakanyisiweyo nokwakhiwa kophawu lwesilumkiso olutyheli lwedawo yokuwela umgaqo kwabahamba ngeenyawo)	● Ingcebiso yeyokuba akuvunyelwanga zithuthi zijika kwicala langasekunene xa ziphuma kwiGaraji yakwa-Engen, okuthetha ukuba izithuthi ziya kukhokhelelwa kwisekile yezithuthi ze ziphinde zibuyele kwiirobhoti ezilawula unqumlwano apho abaqhubi bezithuthi banakho ukukhetha ukujika ngasekhohlo bebheka ngaseKapa okanye babheke ngakwiCBD yaseHermanus

IWODI 8	IMIBA EPHAKANYISIWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIZIBONELELO / UKUNIKEZELWA KWENKONZO	INKCAZELO EDINGEKAYO / IIMFUNO EZICHAZIWEYO
Fisherhaven, Hawston	**Amanzi esiphango/ukuhanjiswa kwamanzi amdaka nelindle:** ■ AUkulungiswa kokubloka komsinga, imiba yeedreyini kunye netanki-sibolelo kwiThala leeNcwadi laseHawston ngokukhawuleza ■ Ukulungiswa komsebenzi osemva wenkonzo **IMigaqo:** ■ Ukutywina ngokutsha kweMarine Drive	**Kubekho inani labazimasileyo abavakalise isidingo sokuchazelwa/ sokwaziswa kakhulu malunga nokulandelayo:** ● Iminikelo yabahluphekileyo nesaphulelo sabafuma umhlala-phants: ■ umahluko phakathi kwezimbini ■ indlela yokukhetha yokufaneleka okwahlukeneyo ■ isithuba sokwamkelwa ■ Ixesha elithathwayo uku-qwalaselwa kwezicelo ■ okunokwenzeka okokuba amagosa ebhunga anganakho ukuqhuba utyeleleo lwasekhaya ukunceda abo badala/ ababuthathaka ukulungiselela ukungenisa izicelo zabo ngokwabo ● Ukuthatyathwa kwenxaxheba luluntu ngokubhekiselele kwinkqubo yohlahlo lwabiwo-mali kunye neziphumo zezindululo zokunyuswa komrhumo ● Umbono kaMasipala wase-Overstrand kunye neenjongo zeqhinga ezilungiselelwe iHawston: izicwangciso zokuphuhlisa uqoqoqsho lwengingqi, umzekelo, ■ ukuchongwa kwemimandla efanelekii-leyo yokuphuhliswa kwamashishini amancinane, ■ ukuqulunqwa kwesicwangciso sokhenketho, ■ ukuqeshwa kwabasebenzi bengingqi kulungiselelwa ukuphuhliswa kweeprojekti ezingundoqo ezifana neStediyam seMidlalo saseHawston kunye ■ ukunikwa kwengqwalasela kweemfuno ezikhawulezileyo zabaxhamli ngokumenywa ubuncinane kwabanikezeli abangundoqo bempahla yabaxhamli ukuseka indawo encinane eneevenkile ezininzi

IWODI 12	
Zwelihle	*Qaphela into yokuba le ntlanganiso yarhoxiselwa iveki elandelayo*

IWODI 13	IMIBA ELUNGISIWEYO	IIMPENDULO / INDLELA EYA PHAMBILI
Onrus, Vermont	**Ungenelo zizityalo ezingaqhelekanga kummandla ovalelweyo womgaqo R43 ubangela umngcipheko omkhulu womlilo.**	● Imbalelwano ethunyelwe kuRhulumente weNtshona Koloni; akukho mpendulo ifunyenweyo ngokwakaloku nje.
	Ukufakwa kothango ngokumgaqo R43 okube ngokunjalo yingozi yokhuselo enkulu yaye edinga ingqwalasela ekhawulezileyo	● Uqikelelo lweendleko luya kuqhutywa.
	Iipavumente ezisecaleni koMgaqo i-Lynx/Main kunye neDavie's Pool kufuneka ilungiswe ngokukhawuleza	● I-Lynx/Main Road inokudinga okokuba yahlulwe ibe ngamacandelo ukulungiselela ukubeka phambili imimandla esekwe kwiingxowa-mali ezikhoyo; Uqikelelo lweendleko luya kuqhutywa.
	Abasebenzisi bezitulo ezinamavili Wheelchair users badala uphazamiso ecaleni leMain Road, yaye iinkxalabo zaphakanyiswa ezimalunga nemisebenzi engakho yolwaphulo-mthetho (okt., ukukhangelwa kwezindlu ezinganakho ukuba ziqhekezwe)	● Iiprofayile zobungqina ekufuneka ziqulunqwe ngoncedo lweSAPS kunye neCandelo: loKhuseleko loLuntu lukaMasipala.
	I-Maidens Rock Chair kwiDavie's Pool: Esi Esi sakhiwo sinembali ebalulekileyo kodwa, ngokwakaloku nje, isitulo silahlekile okanye sigqumeleleke phantsi kwesamente	● Uphando luya kuqhutywa.

GANSBAAI/STANFORD (IWODI 1, 2, 11 KUNYE NELE-14)

IWODI 1	IMIBA EKWI-AJENDA	IIMPENDULO: Isicelo sesitulo sesikhumbuzo kwisahlulo seFama 645/0 SSN:
Stanford, Thembelihle **IWODI 2** **Gansbaai North-East, Masakhane** **IWODI 11** **Baardskeerdersbos, Eluxolweni, Pearly Beach, Buffeljagsbaai, Franskraal** **IWODI 14** **Blompark, De Kelders, Gansbaai South-West, Van Dyksbaai, Kleinbaai**	• IsiCwangciso sokuSebenza seKomiti yeWodi • Uhlaziyo loMgaqo-nkqubo weKomiti yeWodi • Iindleko zoNikezelo: IiNdleko ze-Overstrand zokuNikezela noFundo loMrhumo (NERSA) • Ukunikwa kwengxelo yolawulo kwiKomiti kaMasipala yee-Akhawunti zikaRhulumente (MPAC)	**Ukwamkelwa kuxhomekeke kwinto yokuba:** ● Isitulo esibekwe emgangathweni sakhiwe ngeendleko zomenzi wesicelo; nento yokuba ● Akukho mifanekiso iqingqiweyo iya kuvunyelwa. **IMIBA ELUNGISIWEYO NEEMPENDULO / INDLELA EYA PHAMBILI** • Inkxalabo ekhulayo emalunga nabantu abanganawo amakhaya kunye nezibhadubhadu eFranskraal **UNyanzeliso loMthetho lunike ingqwalasela kulo mba** • Ngenxa yokwanda kwezithuthi kunye nophuhliso olutsha eGroenberg eKleinbaai kuya kudingeka iindawo zokungena ezininzi ezingaphezulu kwenye • Ukwenziwa libe lihle isango lokungena eKleinbaai • INdledlana yokuthatha uhambo olude eDuiwelgat **ISebe lezeNdaloliya kuqalisa ngolungiso**

KLEINMOND (IWODI 9 KUNYE NELE-10)

IWODI 9	IINKXALABO EZIPHAKANYISIWEYO	IMIBA ELUNGISIWEYO	IIMPENDULO / INDLELA EYA PHAMBILI
Kleinmond, Mountain View, Palmiet, Beverly Hills, Extension 6, Proteadorp	**Izicelo ezingene ngethuba zeminikelo yabahlwempuzekileyo:** Amalungu ekomiti yewodi avakalise inkxalabo yawo ngokuphathelele kukungazinyaswa kakuhle kweeseshoni zengcaciso kulo mba kunye nenani eliphantsi lezicelo ezifunyenweyo ukuza kuthi ga ngoku. Nangona abo bafanelekileyo ukufumana olu hlobo lwenkxaso benakho ukwenza isicelo nangaliphi na ixesha lonyaka, baya kucetyiswa kakuhle okokuba bangenise izicelo zabo kwamsinyane	● Ukungabikho kwenkqubela phambili kunye nengxaki ebangelwa **luhlaziyo olukhoyo lwesixokelelwano samanzi esiphango**	■ Amalungu ekomiti yewodi athathele ingqalelo udano olubangelwe yile projekti yenziwe nde. Ngokunika inkcazelo, aqaqambise imingeni emininzi engakhange ibe yaziwe kwangaphambili efunyenweyo yaye anike ingqinisekiso yokokuba ikontilaka enoxanduva isele yaye iya kohlwaywangokusilela ukufezekisa umhla obekiweyo.
		● **Ubume bamabala emidlalo** (ingakumbi ibala lombhoxo)	■ Abazimasileyo bachaze into yokuba imiphezulu yamabala emidlalo, ngokubanzi, ikwisimo esibi kakhulu, apho amalungu ekomiti yewodi aphendula ngokuba isibonelelo sele senziwe "kwisicwangciso sobuchule" sokuvuselela onke amabala emidlalo. Apho luthe uhlahlo lwabiwo-mali alwafikelela, injongo yeyokuba kufunwe inkxaso keuRhulumente weSizwe kunye/okanye wePhondo.

IWODI 10	IINKXALABO EZIPHAKANYISIWEYO	IMIBA ELUNGISIWEYO	IIMPENDULO / INDLELA EYA PHAMBILI
Pringle Bay, Rooi-Els, Mooi-Uitsig, Betty's Bay, Overhills, Poppedorp	**Izicelo ezingeniswe ngethuba zeminikelo yamahlwempu:** Njengoko kunikwe ingxelo ngazo phantsi kweWodi 9 ngasentla	● **Ukufakelwa kwemibhobho emitsha yamanzi**	■ Inkqubo yethenda yokuqeshwa kwekontilaka entsha yesithuba seminyaka emibini esele siqhuba ■ Ukufakelwa okuxhomekeke kukufumaneka kweengxowa-mali, ngoko
	Imiba eqhubekayo yamanzi esiphango (okt., imijelo eblokileyo needreyini ezingasebenziyo kube nesiphumo seepropati ezizaliswe ngamanzi kunye nemigaqo)	● **Ukusabela kwamagosa kamasipala nokungabikho konxibelelwano**	■ Isimo esitsha sombutho esilindelwe ukuba sincede ukulungisa lo mba
	Ulawulo lwenkunkuma kwindawo yokulahlwa kwenkunkuma ePringle Bay	● **Ukulotywa kwembuyambuya enkulu yolwandle**	■ Amagosa endalo kufuneka achaze imiqathango yesivumelwano ngokweDFFE